Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

# IZIPHAKAMISO

# UXWEBHU LWEMIBA 9

UPHENGULULO 1, 4 JULAYI 2016

Ubani angasichaza isiphakamiso njengompoposho weLungu wokuba iNdlu yenze okuthile, umyalelo wokuba kwenziwe okuthile okanye uluvo lweNdlu luvakaliswe kumba othile.

Iziphakamiso zingaziswa lilo naliphi iLungu kwaye yile ndlela iNdlu eqwalasela ngayo imiba eyaziswe ngaMalungu ngokwawo endaweni “yomcimbi karhulumente” njengoko kumelwe yiMithetho eSayilwayo.

Iziphakamiso zezomthetho kuqheleke ukuba ziziswe phamabi kweNdlu ngokwemigaqo yeMithetho eSisigxina kwaye kumaxesha amaninzi ziqala kwiSigqeba.

Umcimbi weNdlu ulungiselelwa ngaBabhexeshi ngoko ke sisigqibo sabo ukuba ingaba okanye xa isiphakamiso siza kuziswa ukuba siqwalaselwe.

Emva kokuba isiphakamiso sibekwe kuqwalaselo ngosuku oluthile, kuxhomekeke kwiLungu elo isiphakamiso sivela egameni lalo ukwenza isiphakamiso ngexesha elifanelekileyo. Ukuba iLungu ligqiba ukungasenzi isiphakamiso salo, siyawa kwaye asiqwalaselwa ngaphandle kokuba elinye iLungu libe ligunyazisiwe liLungu elo ukuba lisiphakamise egameni lalo.

Isiphakamiso asinakho ukuba nezimvo ezingekho similweni, saphule iMithetho eSisigxina, singeniswe ngomoya wentlekisa okanye siqulunqwe nje ngomsindo. Imithetho ibonelela ukuba iziphakamiso, ezithuka isenzo okanye imithetho, singalungiswa okanye mhlawumbi sihoywe ngendlela uSomlomo angagqiba ngayo.

Isiphakamiso masivakaliswe ngendlela apha, ukuba sivunyiwe, siza kubonakalisa ukuvakalisa isigwebo okanye intando yeNdlu ngendlela ecacileyo. Akufuneki sithabathe indlela yengxoxo ezathuzelweyo kwaye isizathu masinikezelwe xa iLungu lisazisa isiphakamiso kwiNdlu.

Xa isiphakamiso kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi kufikelelwe kuso ngomhla othile wokuhlala kweNdlu, iLungu eligama lalo isiphakamiso esenziwe ngalo lima ngeenyawo lize lenze isiphakamiso eso ngokusesikweni. Lingasazisa kwaye lizathuze ngaso ukuba linikwe ixesha lokuba kubekho ingxoxo-mpikiswano. AMalungu angaphakamisa ukwenza izilungiso kwisiphakamiso. Ekupheleni kwengxoxo-mpikiswano, iLungu elazise isiphakamiso linikwa ithuba lokuphendula kwingxoxo-mpikiswano phambi kokuba sibekwe phambi koSihlalo ukuba enze isigqibo.

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600